

# “AMALUNGELo ABANTU ABADALA NGAMALUNGELo ABANTU”

## UMQULU WABANTU ABADALA

### INTSHAYELELO

Thina bantu badala nesingabemi abadala baseMzantsi Afrika siye sathabatha inxaxheba ekubhalweni kwalo Mqulu. Sisisizukulwana esachatshazelwa kakhulu lixesha lethu lamandulo elalinzima kunene. Injongo yethu yokubhala lo Mqulu kukuphuhlisa amalungelo ethu akhoyo kunye nokuqinisekisa ukuba isizukulwana esizayo sabantu abadala asisayi kuchatshazelwa yiyantlukwano nocalulo esiye salufumana.

Sasihleli kumaxesha anzima kakhulu. Sasebenza nzima; sakhulisa abantwana sanakekela neentsapho zethu ngendlela eyiyo. Sathwala umthwalo onzima kakhulu, kodwa kuyo yonke loo nto safumana amava nobulumko.

Besahlulwe ngokobuhlanga nangokwemigaqo-nkqubo ngaphantsi korhulumente wocalucalulo. Uninzi lwethu luye alwakwazi ukufumana imfundo, iinkonzo nemisebenzi efanelekileyo. Abaninzi bethu basuswa ngetshova kumakhaya abo, baze baphoswa kwiindawo ezisemaphandleni ngaphandle koncedo neenkonzo. Salahlekelwa saza safumana ubunzima obukhulu. Seva ubuhlungu ngaphantsi kocinezelo ngokobuhlanga. Kwalahleka ubomi obuninzi kumzabalazo wenkululeko nolingano.

Abanye bethu bayagula abanye bakhubazekile, kodwa xa sisonke sinelungelo lokuba siphathwe ngentlonipho. Asifuni kubizwa njengabantu abampilo inkenenkene, abanobuthathaka bobuxhego/kazi, abangqondo zibuthathaka, abangeva kakuhle okanye abalibalayo. Asifuni kufumana olunye uhlobo localulo kwaye asifuni kuphiwa. Sifuna ukuba sabelane ekwakheni uMzantsi Afrika okhululekileyo.

Silikhonkco elide leminyanya. Siyintsika ebalulekileyo yoluntu. Uninzi lwethu lusaqhubeka nokudlala indima ebalulekileyo nokwabelana ngobulumko namava ethu kunye nesizukulwana esitsha.

Ngoko ke sazisa ukuba sinqwenela ukuphila ubomi obuluncedo nobanelisayo kumakhaya ethu ixesha elide kangangoko sinako, ukufumana unakekelo nenkxaso xa sizidinga, kwanokuba xa singasenako ukuhlala emakhaya sinakekelwe endaweni esikhuselayo nesivumela ukuba siphile ubomi obundilisekileyo kude kube sekupheleni kwemihla yethu.

Sicela bonke abemi baseMzantsi Afrika ukuba bazibophelele ekukhuseleni nasekubambeni amalungelo ethu asisiseko amalunga namalungelo abantu abadala njengoko eboniswe kuMgaqo-siseko waseMzantsi Afrika (umThetho onguNombolo 46 wonyaka we-1991). La malungelo kufuneka eqatshelwe ngawo onke amacandelo karhulumente, imibutho yezopolitiko, amasebe nemibutho yolutsha, iimanyano zabasebenzi, iinkokheli zemveli kunye neecawa.

## A. AMALUNGELO ABO BONKE ABANTU ABADALA

### 1. Ukulingana:

- Ilungelo lokulingana phambi komthetho;
- Ilungelo lokungacalulwa ngenxa yobudala;
- Ilungelo lokuphumeza elona nqanaba lingcono lentlalo-ntle yethu.

### 2. Intlonipho:

- Ilungelo lokuhlonitshwa kunye nelokuhlonipha abanye;
- Ilungelo lokuba nobomi obubobakho kunye nokukhuselwa kwamakhaya ethu nezinto zethu;
- Ilungelo lokuphathwa ngendlela elungileyo nendilisekileyo ngamagosa karhulumente neencutshe zemisebenzi ezisinika iinkonzo;
- Ilungelo lokuhlonitshwa kwemithetho-siseko yethu yezenkolo neyezenkcubeko.

### 3. Inkululeko:

- Ilungelo lenkululeko yesazela, yolwimi neyenkolelo;
- Ilungelo lenkululeko yentetho neyomanyano;
- Ilungelo lenkululeko yentshukumo neyendawo yokuhlala.

## B. AMALUNGELO ABANTU ABADALA ABAHLALA EKUHLALANI

### 1. Iinkonzo:

- Ilungelo lokhuseleko okanye loncedo lwezentlalo, xa singakwazi ukuzixhasa okanye ukuxhasa abo baxhomekeke kuthi;
- Ilungelo lobumnandi nendawo yokufaka intloko ngexesha silindele inkonzo yezentlalo;
- Ilungelo lofikelelo nonyango kwizibonelelo zezempilo nasekubuyiselweni kwimeko yesiqhelo ukunceda ukugcina intlalo-ntle engcono yomzimba neyengqondo ;
- Ulungiselelo lonikezelo olulolona luncinane lwamanzi nombane osimahla kunye nofikelelo kwisaphulelo samaxabiso epropati ;
- Ilungelo lekhaya elinokumelana nemo-zulu kumhlaba olungele ukuba kuhlalwe kuwo;
- Ilungelo lomvuzo olungele ukunikeza ukutya okwaneleyo, amanzi nendawo yokuhlala ;
- Ilungelo lezothutho olufikelekayo ngexabiso nekulula ukufikelela kulo;
- Iindawo zokungena nokuphuma izitulo ezinamavili kwizakhiwo zoluntu kunye nolungiselelo lwezixhobo ezincedayo apho kukho imfuneko;
- Ilungelo lokufumana unakekelo ekhaya xa singakwazi ukufuna unakekelo lwangaphandle;
- Unakekelo olululo lwendawo yokuhlala xa lufuneka, nokuba imo yemali injani na;

- Ufikelelo kwiinkonzo zentlalo nezomthetho xa zifuneka, kuqukwa iinkqubo zoqeqesho nekhefu lonakekelo xa ngaba sikhathalela abanye.

**2. Ukhuselo:**

- Ilungelo lokhuselo olupheleleyo lwezomthetho;
- Ilungelo lokhuselo ekusetyenzisweni, kwimpatho-gadalala, kubundlobongela, ekutshutshisweni nasekuphathweni kakubi ngokukhethwa;
- Ilungelo lokungakhutshwa ngaphandle komyalelo wenkundla;
- Ilungelo leendlela ezingqongqo zokhuselo nokhuseleko kwiindawo zentlawulo yemali yendodla;
- Ilungelo lokungahluthwa ipropati okanye impahla ngaphandle kwemimiselo yomthetho;
- Ilungelo lokunganyanzelwa ukuba uyeke ukuphangela ngenxa yobudala;
- Ilungelo lokuba nokungavumelani okunokusonjululwa yinkundla yezomthetho ngokwenza izigqibo ezifanelekileyo kwindibano evulelekileyo okanye kwikamera xa oko kuye kwacelwa;
- Ilungelo lokuhlala kwindawo ekhuselekileyo nelungiselelwe ubuchule bethu obutshintshayo.

**3. Intatho-nxaxheba:**

- Ilungelo lokusebenza nokwamkela umvuzo nokuthabatha inxaxheba kwizigqibo ezimalunga nokuyeka ukuphangela;
- Ilungelo lofikelelo kwimfundo nakwiinkqubo zoqeqesho, kwizibonelelo zenkcubeko, zenkolo nezolonwabo;
- Ilungelo lokufikelela kulwazi nasekuthabatheni inxaxheba kubomi basekuhlaleni, kwimigaqo-nkqubo yokwenza izigqibo neyonxibelelwano echaphazela intlalo-ntle yethu;
- Ilungelo lokuseka imibutho ukuze kwabelwane ngolwazi nezakhono kunye nesizukulwana esitsha;
- Ilungelo lokusebenzisa ulwimi lwethu (kuqukwa ulwimi lweempawu) nokuthabatha inxaxheba kwinkcubeko esiyikhethayo;
- Ithuba lokunika inkonzo eluntwini njengamavolontiya ngokwezinto ezinomdla kuthi nangokobuchule bethu.

### **3. AMALUNGELO ABANTU ABADALA ABAHLALA KWIZIBONELELO ZOKUHLALA**

**1. Unakekelo:**

- Ilungelo lokufumana unakekelo noncedo kuxhomekeka kwisidingo eso;
- Ilungelo lokunakekelwa ngabanakekeli abaqeqeshiweyo nabanovelwano;
- Ilungelo lonyango olwenziwa ngoogqirha bethu ukuba ngaba sinako ukuluhlawulela.

**2. Umelo:**

- Ilungelo lokumelwa kwikomiti yabahlali;
- Ilungelo lokonyula ummeli ukuze asimele, ukuba kuyimfuneko asimele ngokuzithandela okanye ngenxa yokusilungiselela.

**3. Intatho-nxaxheba:**

- Ilungelo lokutyelwa lusapho nabahlobo;
- Ilungelo lokwaziswa ngemeko yemali yesibonelelo kunye notshintsho kwabaphetheyo;
- Ilungelo lokuthabatha inxaxheba kwimisebenzi oyikhethayo yezentlalo, yezenkolo neyezoluntu.

**4. Intlonipho:**

- Ilungelo lokufikelela kwisaziso esisiso sotshintshelo olucetywayo okanye sokukhululwa;
- Ilungelo lokuba wedwa kunye nokugcina nokusebenzisa izinto zakho;
- Ilungelo lokuphathwa ngentlonipho ngabasebenzi nangabaphathi ngawo onke amaxesha.

**5. Ukhuselelo nokhuseleko:**

- Ilungelo lokhuselelo kwimpatho-gadalala nakubundlobongela;
- Ilungelo lokhuselelo kwingozi ephathekayo ekuqukwa kuyo umlilo nezikhukula.

**4. UKUQINISEKISA UKUBA LA MALUNGELO AYENZIWA:**

Ukuqinisekisa ukuba la malungelo ayenziwa emaphandleni nasezidolophini, sibiza abantu abadala ukuba babambane bathethe phandle apho bahlala khona nalapho basebenza khona. Sikwacela norhulumente, amaziko angekho ngaphantsi korhulumente, imibutho esekelwe ekuhlaleni nesekelwe kwinkolo ukuba baququzelele ezi zenzo zilandelayo:

1. Bafune abantu abadala elizweni liphela, babazise ngala malungelo baze babathume ukuba basasaze olu lwazi ezicaweni, kumaziko eenkonzo, emibuthweni nakoomasingwabane;
2. Baqeqeqeshe abasebenzi kuwo onke amasebe karhulumente malunga namalungelo abantu abadala nagomthetho okhoyo;
3. Babonise lo Mqulu ngokubanzi: kumasebe nakwiinkonzo zikarhulumente, ezivenkileni, kwiindawo ezivulekileyo, eziofisini nasezicaweni ukuze abasebenzi bakarhulumente, abahlali, abantu abadala kunye noluntu ngokubanzi bawaqonde amalungelo abantu abadala;
4. Babambe ucweyo loqeqesho kunye nawo onke amacandelo karhulumente, iinkokheli zoluntu nabenzi bezigqibo ukuze kwandiswe ukuqonda lo Mqulu;
5. Bavelise kwakhona, basasaze baze babonise lo Mqulu ngeelwimi ezisemthethweni nangebhreyile;
6. Baseke izibonelelo zolonwabo nezokuziqeqesha zabantu abadala nezesizukulwana esitsha;
7. Bakhe izibonelelo zokuhlala kwiindawo esihlala kuzo, kuqukwa namaphandle, ukuze sibe kufutshane neentsapho nabahlobo bethu size singayi kude;
8. Baphelise ucalulo ngokobudala, baze basuse imida yobudala xa kuvulwa amatyala, kwingqesho nakuqeqesho;

9. Benze iinkqubo eziphakathi kwezizukulwana ezibini ezikolweni ukonyusa ukuqaphela ukuphathwa gadalala kwabantu abadala ukuze kwakhiwe imbonakalo elungileyo yokuguga;
10. Baqulunqe baze benze iqhinga likazwelonke ekuqukwa kulo imiboniso yasezindleleni yokuphelisa ubundlobongela kubantu abadala;
11. Baqinisekise ukuba inkxaso-mali iyafumaneka kumanqanaba endawo, ephondo nelikazwelonke ukuze kumiselwe kuze kugcinwe iinkonzo neendlela zokwenza, nabasebenzi bokongamela nokuvavanya ukuba iinkonzo ziyenziwa;
12. Baqinisekise ukuba abantu abadala abanakekela abazukulwana bayafikelela kwiinkonzo ezisisiseko kuqukwa kuzo ezothutho nenkxaso;
13. Babeke phambili kuluhlu amaphandle kunye nezinye iindawo ezihluphekayo kwiinkqubo ezisekelwe ebudaleni;
14. Bamise iindlela zomthetho nezinye ukuze kuphuhlisewe iziqulatho zalo Mqulu;
15. Bamise iminxeba yoncedo baze bayibhengeze ngokubanzi ukuze abantu abadala bakwazi ukuxela iingxaki zabo ukuze babe nokufikelela kuncedo.